URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Richard van der Horst**
ICandelo loLawulo loVavanyo
Richard.vanderhorst@westerncape.gov.za | 021 467 2991

Inombolo yefayili.: 19/3/1
Isalathiso: 20221207-9740

Isetyhula: 0002/2022
Umhla wokuphelelwa: 31 Disemba 2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela-Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwaMaziko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli naBacebisi boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi beZifundo, kuBasebenzi bokuNika iNkxaso kuBafundi nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezizimeleyo

Isishwankathelo esifutshane: *Iinkcukacha zeripotikhadi yethutyana yoNyaka wesi-4 yabafundi abahamba iZikolo zeZakhono (Schools of Skill).*

**Isihloko: IMfundo noQeqesho ngokuBanzi (*General Education and Training*): Iripotikhadi yethutyana yoNyaka wesi-4 yabafundi abahamba iZikolo zeZakhono**

1. Le setyhula inika iinkcukacha ngeripotikhadi yethutyana yabafundi abafunde kwiZikolo zeZakhono, emva kokugqitywa koNyaka wesi-4 (jonga **isiHlomelo A**). Izikolo zeZakhono zinelungelo lokukhetha ukwenza iripotikhadi ekumgangatho omnye ngo-2023.

2. Izikolo zeZakhono zizalisekisa indima ebalulekileyo kwisistim yezemfundo yaye zibonelela ngendlela engenye yokufundisa enokwenzeka kubafundi ukufumana imfundo eqhelekileyo.

3. Abafundi bafumana uqeqesho lwezifundo nobugcisa kwiinkalo zezifundo ezahlukeneyo ngokuxhomekeke kubuchule bomfundi nomdla wabo. Ezi zakhono ziya kubenza bakwazi ukulungela ukufumana amathuba omsebenzi (enter *labour market)* yaye kubalulekile ukuba isistim yokurekhoda nokunika ingxelo ibonise ulwazi oluthile kwisifundo, izakhono ezifunyenweyo, kunye nezakhono ngokubanzi eziqatshelwe ngexesha lokugqitywa kwemisebenzi eyenziwayo.

4. ISebe leMfundo esiSiseko likhuphe iSetyhula i-*National Assessment Circular 06 of 2022*, yomhla we-29 Novemba 2022, enika iinkcukacha ngeripotikhadi yethutyana yabafundi abafunde kwiZikolo zeZakhono, emva kokugqitywa koNyaka wesi-4 (**IsiHlomelo A**).

5. Le ripotikhadi iya kusebenza njengethempleyithi yeripotikhadi esemthethweni kwixesha elizayo, nakuba kunjalo, izikolo zinokunika ingcaciso eyongezelelweyo kule ripotikhadi, apho kuyimfuneko.

6. Abafundi abagqibe uNyaka wesi-4 kwiminyaka edlulileyo, baza bazanelisa iimfuno zovavanyo, banokukhutshelwa le ripotikhadi, ngokuxhomekeka ekubeni isikolo sinerekhodi yovavanyo lomfundi lonyaka ongaphambili yaye oku kunokuqinisekiswa sisithili.

7. Le *Programme of Assessment* (**isiHlomelo B**) eqhotyoshelweyo inikwa ootitshala njengesikhokelo xa behlola abafundi abenza izifundo zomsebenzi wezandla *(occupationally and vocationally inclined subjects)* kwiMinyaka 1–4. Injongo yesiHlomelo B kukuqondisa/ukunika isikhokelo hayi ngaphezulu kokumisela imisebenzi xa kuvavanywa.

8. Amanqaku okugqibela kwiripotikhadi abalwa ngokudibanisa amanqaku ovavanyo oluqhubekela eSikolweni (*School-based Assessment (SBA*)) kwiKota 1–3 ukuya kumanqaku ovavanyo lokuphela konyaka ( ikota 4). Amanqaku e-SBA enza i-80% yamanqaku okuphela konyaka luze uvavanyo lokuphela konyaka (iimvavanyo ezibhalwa kumsebenzi osele ufundisiwe (*controlled tests)* kunye/okanye imisebenzi yovavanyo olumiselweyo) ibe yi-20%.

9. Izikolo zeZakhono maziqinisekise ukuba yonke imisebenzi ye-SBA novavanyo lokuphela konyaka imodareyithwa yintloko yesebe kunye/okanye ngutitshala oneqhuzu esikolweni.

10. Isithili kufuneka kwakhona simodareyithe isampula yemisebenzi ye-SBA kunye novavanyo lokuphela konyaka.

11. Izithili zemfundo mazitshekishe zize zivume ishedyuli yamanqaku kwisikolo ngasinye yaye zinokuzingqinisisa iiripotikhadi phambi kokuba zisayinwe yinqununu njengomtyunjwa weNtloko yeSebe.

12. Yonke imibuzo emalunga nale setyhula mayibhekiswe ku-Rhoda Manual apha Rhoda.Manual@westerncape.gov.za

